# UNIVERSITY OF FORT HARE

**XHS 211 & 211E**

**DEGREE EXAMINATIONS**

**JUNE 2016**

... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... ... .......

| | |
|---|---|
| **Time:** | **3 HOURS** |
| **Subject:** | **Xhosa Linguistics** |
| **Marks:** | **100** |

**This paper consists of 4 pages including the cover page**

**Internal Examiners**

**Dr Z.W. SAUL**
**Dr N.P. SATYO**
**Dr N. GXEKWA**
**Mrs N. KAPA**
**Ms P. MBATYOTI**

**External Examiners**

## IMIYALELO

Phendula umbuzo ube **mnye** kwicandelo ngalinye.

**XHS 211 & 211E Ufundo-lwimi LwesiXhosa**

**Iimviwo zezidanga – Juni 2016**

## ICANDELO A: IFONETIKI NEFONOLOJI

Umbuzo woku-1

1.1 Nika izandi zibe **mbini** ngokwefonetiki ezifunyanwa kwisiXhosa kuphela ezingekhoyo kwisiZulu. (2)

1.2 Yenza imatriksi yezikhamiso zesiXhosa nesiZulu. (4)

1.3 Nika imigaqo yefonoloji ibe **mibini**. (2)

1.4 Luyintoni utolo kumgaqo wefonoloji? (2)

1.5 Imithombo yesandi **mithathu**. Yixele. (3)

1.6 Unxulumene njani umjikelo nee-amplityhudi? (2)

1.7 Ngowuphi umlinganiselo onguwona ungqamene ngokuthe ngqo nemvakalo-sandi ebandileyo? (2)

1.8 Yintoni umjikelo? (2)

1.9 Bhala eli gama: **ukufunda,** ngokwefonetiki yesiXhosa neyesiZulu. (4)

1.10 Yintoni i-amplityhudi? (2)

**[25]**

**OKANYE**

Umbuzo wesi-2

Thelekisa izandi zesiXhosa nezesiZulu ngokwefonetiki. **[25]**

## ICANDELO B: IMOFOLOJI

Umbuzo wesi-3

3.1 Yintoni isichazi? (4)

3.2 Nika iindidi zezichazi zesiXhosa zontandathu. (6)

3.3 Cacisa umahluko phakathi kwezimnini ncam nezimnini zochazo. (5)

3.4 Xela amahlelo ezi zibizo:ubuqheleqhele, uluvo, inkwankca, ukwakha (4)

3.5 Sakhiwa njani isivumelanisi sesimelabizo soqobo? (6)

**[25]**

**OKANYE**

Umbuzo wesi-4

4.1 Xoxa ngokusetyenziswa kwesimaphambili sehlelo 1 kwisiXhosa nesiZulu , ze uzekelise kangangoko. (8)

4.2 Hlahlela eli gama: **zibaleqile** (7)

4.3 Nika izibizo ezimbaxa zibe **zibini** kwisiXhosa, zibe **zibini** nakwisiZulu. (4)

4.4 Nika izibizo zala mahlelo : 1(b), 4, 7, 10 (4)

4.5 Nika iindidi zezimnini zibe **mbini**. (2)

**[25]**

**ICANDELO C: ISINTAKSI**

Umbuzo wesi-5

5.1 Eli gama lithi “imo zivakalisi” ungalichaza uthi lithetha ntoni? (2)

5.2 Yintoni ibinzana?Ungalichaza uthini? (2)

5.3 Yintoni umsebenzi wooguqula? (2)

5.4 Isivakalisi sineemo **ezimbini**. Zeziphi? (2)

5.5 Bhala isivakalisi sibe neenjongosenzi **ezimbini**. (3)

5.6 Zoba imo-mthi yesi sivakalisi silandelayo:

Bonke aba bafundi baluphumelele uviwo olu. (9)

5.7 Yintoni umsebenzi wemo-mthi? (2)

5.8 Zeziphi iindidi zezivakalisi **ezintathu** ozaziyo. (3)

**[25]**

**OKANYE**

Umbuzo wesi-6

Cacisa ngako konke okwaziyo malunga nokwakheka-kheka okanye ubumbo-bumbo. **[25]**

**ICANDELO D: ISEMANTIKI**

Umbuzo wesi-7

7.1 "Oxhel'eyakhe akabuzwa."

(a) Ingaba le ntetho ingentla sisaci okanye liqhalo? (2)

(b) Nika isizathu sempendulo oyinike ku-(a) (2)

(c) Ithini intsingiselo yale ntetho ingentla? (2)

7.2 Nika intsingiselo yala magama alandelayo:

(i) impaka (2)

(ii) ityhagi (2)

(iii) inteleko (2)

(iv) inombe (2)

7.3 Nika imizekelo ibe **mithathu** yamagama akhiwe ngokulinganisa isandi esenziwa yinto ethile. (3)

7.4 Nika iintsingiselo zoku kulandelayo:

(a) Ukuba ngamaphuthi ahlathinye. (2)

(b) Ukubeka inqawe. (2)

(c ) Ukuhanjelwa ngumzimba. (2)

7.5 Yintetho ni isaci? (2)

**[25]**

**OKANYE**

Umbuzo wesi-8

Tyatyadula ngeendidi zezafobe zesiXhosa, unike nemizekelo. **[25]**

****************************************************************************************************